



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2014**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P2**

**AMANQAKU:** 70

**IXESHA:** 2 iiyure



\* X H O F A 2 \*

Olu viwo lunamaphepha angama – 24.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo  
kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamacandelo amaNE:

ICANDELO A:	Inovel	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Imibongo	(35)

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula imibuzo ibe miBINI iyonke, umbuzo ube mNYE nakweliphi icandelo kula: A, B, C noD.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula imibuzo kumabali omabini abuziweyo.

ICANDELO D: IMIBONGO

Phendula imibuzo ebuziweyo yomibini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.
7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
10. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

### ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Cadelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5
<b>OKANYE</b>				
2.	<i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	9

**OKANYE**

### ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Cadelo.

3.	<i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	13
----	------------------	-------------------	----	----

**OKANYE**

### ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE: Ndakuyicel'ivuthiwe

Phendula yomiBINI imibuzo kweli Cadelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
4.1	<i>Umntu akalahlwa</i>	Umbuzo omfutshane	18	17
4.2	<i>Kanti andizenzanga</i>	Umbuzo omfutshane	17	19

**OKANYE**

### ICANDELO D: IMIBONGO: Vukani Madoda

Phendula imibuzo yomiBINI kweli Cadelo.

5.1	<i>Bafana bafana</i>	Umbuzo omfutshane	17	21
<b>OKANYE</b>				
5.2	<i>Intaba kaNdoda</i>	Umbuzo omfutshane	18	23

## ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongsise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A iNoveli (Umbuzo omfutshane)	1-2	1	
<b>OKANYE</b>			
B Idrama (Umbuzo omfutshane)	1	1	
<b>OKANYE</b>			
C Amabali amafutshane (Imibuzo emifutshane yomibini)	2	1	
<b>OKANYE</b>			
D IMIBONGO	2	2	

**QAPHELA:** Phendula imibuzo ibe miBINI nakweliphi na icandelo kula: A, B, C, noD.

**ICANDELO A: INOVELI****Khetha inoveli ibe NYE kweli candelo****UMBUZO 1 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda ngocoselelo esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

“Hayi yihlo le nto kaNtsibande andinabunzulu bayo kodwa ngathi kokwam ukubona **asimntu uliqharhaqharha** lokuthetha kuba usoloko ekhangeleka ngokomntu onesizungu nomvandedwa. Nokuba sewuzama ukumncokolisa wophendula nje loo nto uyibuzayo, athule. Akulula ukumngcambazisa umntu ololo hlobo ngengulo yakhe. Ndingathi mna into ebalaseleyo phaya kuye yonke le mihla kukusoloko wakhala ebusuku xa elele, ngathi ngumntu lo omaphupha mabi. Uyabona ke uthi nokuba sewuzama ukuqonda ukuba uphuphe ntoni na angakuniki nto inasigxina.”

“Uyiqale nini le nto?” Ubuzile uZimalisile.

“Ndingathi wafika nayo kuba sekulithuba eyenza, naxa akhe abonise isiqabu ngezinye iimini. Kodwa ke ithi yakuvuka le nto emva kwezo ziqabu, ixake.”

“Uthini kanye? Xa nditshoyo ndizama ukuba usuka avukwe liqwakaza elele, okanye wothuswa yinto ebuthongweni kusini?”

“He Mfondini, andiyazi kakuhle le nto. Kodwa imini endamqaphelisa kakuhle ngayo kumhla waqala walala kunathi. Phofu wayengene nje phezu komandlalo esanxibe izihlangu ngathi ngumntu lo othe qwaka nje kuba esaza kugqitha. Sada salala sonke esalale olo hlobo. Ethubenzi izibane zicinyiwe, ndothuswe kukungena komphathi-makhwenkwe ephethe isikhanyiso saphandle wathi ngokukhanyisa oku endlwini ilitha lesibane latsolisa kuNtsibande. Uye wamshukumisa ngenjongo yokumvusela ukuba alale kakuhle angene ezingubeni zakhe.”

- |       |  |     |
|-------|--|-----|
| 1.1.1 | Ngubani lo uthetha noZimasile apha kwesi sicutshulwa singentla?  | (1) |
| 1.1.2 | Chonga igama elibonakalisa ukuba ezi zithethi zibhekisa kuMpumelelo?                                       | (1) |
| 1.1.3 | Ezi zithethi zilapha kwesi sicutshulwa zazincokola ziphi?  | (1) |
| 1.1.4 | Kwakutheni ezi zithethi zikuMBUZO 1.1.3 zezifikelele ekuthetheni ngoMpumelelo?                             | (2) |
| 1.1.5 | Xa esithi ‘yihlo’ kulo athetha naye, uthetha ukuthini?<br>Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi: |     |
| A     | Umntu oyinkwenkwe namhloniphileyo  |     |
| B     | Umhlobo wakhe  |     |
| C     | Umntu ongambexabisanga   |     |
| D     | abantu abangamadoda abazalanayo okanye abalekelenayo.  | (1) |

- 1.1.6 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba wayegula nyani uMpumelelo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.7 Ibinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sicutshulwa singentla likunika yiphi intsingiselo ngesimo sikaMpumelelo? (1)
- 1.1.8 Ngaphandle kokubonakala engonwabanga emini, yeyphe enye into eyayibonakalisa ukungonwabi kulo mfo? (1)
- 1.1.9 Uyavumelana okanye awuvumelani nombhali xa esithi ‘akulula ukumngcambazisa umntu ololo hlolo’? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 1.1.10 Isimo sempilo kaMpumelelo sabuphazamisa njani ubomi bakhe basesinaleni? (2)
- 1.1.11 Ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi lisizobela umfanekiso onjani ngalo mlinganiswa kuthethwa ngaye? (2)
- 1.1.12 Nika izinto zibe MBINI awathi uMpumelelo wabalasela kuzo esikolweni newayenconya ngazo esinaleni. (2)

## ISICATSHULWA B

1.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Kungentsuku zingaphi ivakele indumasi yokungena kukaggirha omtsha. Abantu babemxakile bebaninzi. Loo nto yenza ukuba akhawuleze ahlume ngakumbi kuba babencedisana noGqirha Sanqela. Phofu uGqirha Ntsibande wayenendlu yakhe eyodwa yokuxilongela kwelinye lalaa manxowa wayewathengelwe nguThamsanqa. Kungeminyaka mingaphi batsho ngesixeko somzi omkhulu odibene nalaa mashishini.

Kaloku kuthe kuphela unyaka zabe sezivakele iindaba zokuba uGqirha Ntsibande utshate nogqirha Sanqela ngomtshato wase-ofisini. Abazange bathande kwenza theko likhulu koko kwadibana amajwarha namaBhele ukuphonononga indaba yobulawu; kwalotyolwa njengesiko lakwaNtu.

UTitshala uNgxowankulu wayengunozakuzaku walo mcimbi kweli cala lamaBhele. Ukhe wathi ngenye imini xa abakhozi bagqibezela ikhazi kuqosheliswa umcimbi ewuphosa kuyise wentombi, owavezolile, emhle mfondini yimpahla yasemLungwini, wamqhula ngelithi:

“He, Khuboni, usakhumbula ngokuya wawufuna ukundiqwengela lo mntwana kuba usithi ndiza kumenza isishumane sentombi ngokumfundisa, kufuneka enye kwezi nkomo ibe yeyam, ngokundithuka okuya wathi ndiqinise imihlathi ndakuba ndisilwela imfundo yalo mntwana njengetitshala yakhe.”

UKhuboni lo wayengasafuni nokuba ezi mazithethwe ngenxa yeentloni. Uphendule ngelithi: “Hayi kaloku Goqolo yayizizinto nje zakudala ezo: azinakuba salandwa. Kaloku le nto **ingumlomo ayisindwa yimpumlo** ngamanye amaxesha.”

- |       |   |     |
|-------|---|-----|
| 1.2.1 | Impumelelo kaMpumelelo iye yabonakala njani?  | (1) |
| 1.2.2 | Yayingubani inkosikazi kaMpumelelo?   | (1) |
| 1.2.3 | Loluphi olunye udidi lomtshato olwaziyo, ngaphandle kowase-ofisini?   | (1) |
| 1.2.4 | Ukutshata umtshato wase-ofisini kutolika ntoni ngoMpumelelo?  | (1) |
| 1.2.5 | Zinto zini ezenziwa nguMpumelelo ukuphucula ilali yakowabo?   | (2) |
| 1.2.6 | Chaza inxaxheba katitshala uNgxowankulu ebomini bomfazi kaMpumelelo?  | (1) |
| 1.2.7 | Utshaba lwabazali bakaMpumelelo khange lumphumle bakusweleka abazali bakaMpumelelo. Ngqina le ntetho ngokuthi ucaphule impendulo yakho ebalini. | (2) |
| 1.2.8 | Ingaba uMpumelelo wayifezekisa iminqweno kayise? EWE okanye HAYI. Xhasa impendulo yakho.  | (2) |

- 1.2.9 Gqibezela eli qhalo ngokuthi ufakele impendulo echanekileyo.  
Umlomo usindwe yimpumlo. Kuthetha ukuba ... (1)
- 1.2.10 Ucinga ukuba ingxaki athe wadibana nazo uMpumelelo ebomini,  
zimenze wangumntu onjani? (2)
- 1.2.11 Wayedibene phi uMpumelelo nenkosikazi yakhe? (1)
- 1.2.12 Ngokokwazi kwakho ibali uMpumelelo nenkosikazi yakhe zintoni  
ezithe zabenza banempumelelo ebomini? (2)

[35]

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UMQOL'UPHANDLE- P.M. Ngani

#### ISICATSHULWA A

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Wayesisicibala ke khona umntwan'asemzini- uLinda Monti. Wayezicuthe waluluthi phambi kwesipili. Wena wakha wambona uthekwana. Wayezibhencabhenca, ezipathaphatha, eziqhola ngapha nangapha ngemigubo yaseMlungwini. Lalifudumele kamnandi elo gunjana lakhe, kungekho nenkongo emkhathazayo. Nditsho kuba wayebetha ngogaga. Ngesibheshwana awayesithe bhije, wayesenzela nje ukuba kungathiwa ubetha mnqini okwenyoka.

Intwazana le yayilufafakazi olutsobhileyo, intw'emelelo azingqanda yakuwathi balulu. Kambe ke ayekholise ukucubhuka ngathi aza kuthi "ndithande". Izidlele zentwazana zaziphalala, zibomvu ngathi ziza koph. Zazifanelwe ke bethu, zizinxonxo ezazimana zifonqoka futhi ngathi kuxa kucudiswa ibhola ebuphelelwa ngumoya. lindlebe zazingamabhakubhaku achasele phaya ngathi alungiselele ukunqakula ulwimi.

"Lubhelukazi Iwasemaphupheni am," wayegwagwisa atsho uEddie Maga xa seleqhayisa ngale nzvakazi koogxa bakhe. Wayefanele ke bethu. Wayengekho umfana ongenakungaqhayisi enesithandwa esifana noLinda. Kwakungangxanywanga mhla yayidalwa loo nkazana,

Ngelinini, wada wagqiba ukuziqhola uLinda. Ukusuka apho, wathi khwasu wasinga ngakwicala elalinomnweba abekholisa ukuwunxiba xa avukayo. Uthe akuwuthi wambu, wagqiba ukufaneleka.

Wadwanguza ngawo ukusinga kwicala elalinesihlalo esimfumamfuma. Wafika waziphosa kuso. Sathi ukumganga, senza amahlandinyuka naye ngokungathi sivuyela inyhweba yokuhlwalwa ngumzimba onjalo ukufaneleka.

Izibhijabhiye apho intwazana yakwaMonti, sekungathi ityiwa zizibawu. Yaphatha kulala ngesisu, yabe yaguquka yalala ngomqolo. Kuyo yonke le nto, yayinengonyana yayo eyiculela phantsi. Kwakucacile ukuba yonwabile emphefumlweni.

- 2.1.1 Ingaba le nto wayezilungiselela yona uLinda yade yenzeka? (1)
- 2.1.2 uLinda ufaniswa nasiphi isilwanywana? (1)
- 2.1.3 Chonga ibinzana elibonakalisa ukuba uLinda wayeyinzakazi entle? (1)
- 2.1.4 Umbhali umzobe njani uLinda ngokwenkangeleko? (2)
- 2.1.5 Ibinzana elikrwelwe umgca ngaphantsi linika yiphi intsingiselo? (1)
- 2.1.6 Ingaba kutheni umbhali emnike le fani amnike yona lo mlinganiswa umchaze kuMBUZO 2.1.4? (2)

- 2.1.7 Ngokokulazi kwakho ibali. Ingaba zinto zini ezabangela ukuba uLinda arhaneleke? (2)
- 2.1.8 Abanye abantu xa bexakwe zingxaki zobomi babhenela kwiziyobisi. Nggina oku ngokucaphula imizekelo ebalini. (2)
- 2.1.9 Ucinga ukuba uLinda wayelinene kazi elifanelwe kukuthandana nomlinganiswa ewayethandana naye? (2)
- 2.1.10 Ukungahambi kuka Linda neqabane lakhe emva kokuzilungisa kwamnceda: EWE okanye HAYI. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 2.1.11 Nika igama nefani lomntu owaye wahamba no Eddie akuba yena uLinda aye walandula? (2)

## ISICATSHULWA B

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

UHlobo wabuyela eofisini yamapolisa ngentsimbi yeshumi ngaloo ntsase-efike ehlaziyekile enkangelekweni. Wangena ibhatyi yesuthu awayeyinxibile iyokozela ziimbasa awayesele ejizwe ngazo kwinkonzo yakhe yobucuphi. Wafika engalindelwe koko elangazelelwe ligquba lamapolisa. Ekhwapheni, wayethe khu umshini *wetape recorder*. Uwuthe thaca phezu kwetafile, wathi, “Ncedani nindizisele amabanjwa aphezolo, ndahlukane nawo. Sendingxamile ukwenza amalungiselelo okuya ekhefini lam lonyaka.”

Uthe ephuma owayesiya kuwalanda, yabe indlu yonke inxakama: “Uyifanele loo holide, Dick”. Uncumele ecaleni unkabi.

Emzuzwini, angene amabanjwa selenyoshoza. Anikwe izitulo ahlala-amehlo abhekiswa kuHlobo ngumntu wonke. Umf'omkhulu utsyede ibhatyi, wafinyeza imikhono yehempe. Uthe akuthetha, kwenzwanga endlwini:

“Phakathi kwethu”, uqale ngelo, sinenyhweba yokubona le nzvakazi kunye nala manene mathathu. Mhlawumbi ke nina anibazi. Into eniyaziyo inye - ye yokuba babanjelwe ukuqhuba ishishini elingekho mthethweni, ngokuthengisa intsangu. Yivani ke ndini-xelele nangaphezulu koko”.

“Le nzvakazi nguThembisa Ntlokonkulu. Osecaleni kwayo nguThemba Mdoda, ibenguKhulile Dungana noWelile Nzulube. Bonke ke ngabaphathi bombutho esiwaziyo nesiuhloniphileyo; umbutho ovunyiweyo ngabasemagunya*-iMoonglow Night Club*.

“Njengokuba benzile nje, bonke ke zizihlobo zikamfi Eddie Maga- laa Eddie wayeyintsika yaseMoonglow, laa Eddie wafa ngendlela eyaziwa nguye wonke ubani olapha. Ezi ke zizihlobo zikaEddie, ndiyaphinda nditsho.”

- 2.2.1 Sasiyintoni isikhundla sikaHlobo emsebenzini wakhe? (1)
- 2.2.2 Ilimbasa awazifumanayo kumsebenzi wakhe zazibonisa ntoni? (2)
- 2.2.3 La mabanjwa kuthethwa ngawo kwisicatshulwa sasiyintoni isono sawo? (2)
- 2.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingeantsi: Ipolisa ebelinecidasana noHlobo kuphando lwakhe ngu ...
  - A Sajini Khumalo
  - B Mnumzana Ngqondi
  - C Mnumzana Nzulube(1)
- 2.2.5 Nika iimpawu ezibonakalisa ubuncutshe bukaHlobo ebucuphini? (2)
- 2.2.6 Ukuthengiswa kwentsangu eMoonglow bube nafuthe lini apha ebalini? (2)

- 2.2.7 Yaba luncedo njani i-tape recorder ekuphandweni kwetyala lokufa kuka Eddie noLulama? (2)
- 2.2.8 li'Night Clubs' zindawo nje zokuthengisa iziyobisi: Ngqina olu luvo ngokucaphula ebalini. (2)
- 2.2.9 Tshatisa amagama abantu akuKHOLAM A kunye nabantu abadibana nabo ebalini kuKHOLAM B.

<b>KHOLAM A</b>	<b>KHOLAM B</b>
(a) Thembisa Ntlokonkulu	A Lulama Zuma
(b) Duma Hlelo	B Nkosikazi Hobe
(c) Eddie Maga	C Sipho Bumba
	D Linda Monti (3)

**AMANQAKU ECANDELO A:** 35

**ICANDELO B: IDRAMA****UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI – D.M. Jongilanga****ISICATSHULWA A**

3.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo.

(*Kungena uMaziko elandelwa nguMnu. Ndila kwifisi kaMnu. Loni Bengene*):

- |         |   |
|---------|---|
| Ndila:  | Ukuba ufunu ukundibeka ityala undise ngaphambili, qhuba ngoku indlela ingekazali ziimbovane. What is the charge preferred against me?   |
| Loni:   | Drunkeness during school hours, alternatively, corruption of school children.   |
| Ndila:  | Kanti abantu abangaseliyo banje ukuf'ingqondo?  |
| Loni:   | Second charge. Insurbordination and inefficiency.   |
| Ndila:  | Ungawacula nje onke loo matyala. Andisayi kuze ndibe yintsika yakho njengooSammy aba. Uduka olutyatyekwe phezu kwesamente luxobuka zingekakhali nokukhala ezesibini iinkukhu.   |
| Maziko: | Yinile! Utheni kakade! Utywala buz'entloko ngoku?   |
| Ndila:  | Andinaxesha leencede Sammy xa ndijongene nesangxa.  |
| Maziko: | Kwedini akubazi abantu. Ndingakusonga ube yifadukhwe ngoku.   |
| Ndila:  | Ingakhonkotha isiny'amazinyo. Kufayayo.   |
| Loni:   | Maziko, hayi khona. Manene sisikolo esi.<br>Nicinga ukuba niph ( <i>ebetha itafile ngamandla, bee gogololo</i> ).<br>Kuyacaca ukuba sibhutya-bhutyanan nesango nenkohla. Ke amade ngawetyala. Lo mcimbi ndiyawudlulisa ndaye andisayi kubuya mva. Xa uNdila ekholwa lolukaBenya ulungile. |
| Maziko: | Ndicinga ukuba chief, uDicksie akaqondi kakuhle.  |
| Loni:   | Asiyoyam leyo indima yeyekomiti. Kwanele ngoku. Ukuba akarhoxi kwesi sithuba sakhe andikhwelele, ndazi mhlophe ukuba unomasinana ukholwa ngamanz'ashushu.   |

3.1.1 Aba balinganiswa bathetha apha ngasentla babethetha bephi?

(1)

- 3.1.2 UMnumzana uLoni sasiyintoni isikhundla sakhe emsebenzini? (1)
- 3.1.3 Leliphi eli tyala athi UNdila ubekwa lona? (1)
- 3.1.4 Tolika la mazwi kaLoni ngesiXhosa.  
**Insurbodination and inefficiency** (2)
- 3.1.5 Indlela uNdila aphendula ngayo kule ntlanganiso, ikuxelela ntoni ngesimo sakhe? (1)
- 3.1.6 Xela izinto zibeMBINI ezibonisa ukuba uNdila ityala abekwa lona kuMBUZO 3.1.3 ziyyinyani. (2)
- 3.1.7 Chonga isivakalisi kwintetho kaNdila esithetha ukuba isilonda kufuneka usicoce phambi kokuba usibophe. (1)
- 3.1.8 Amazwi kaNdila athi “uMaziko yincede” abonisa ukumhlonipha: EWE okanye HAYI. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 3.1.9 Isafobe esisetyenziswe nguMaziko esibhekisela kuNdila kwintetho yakhe, sinika eyiphi intsingiselo? (1)
- 3.1.10 Kutheni uMaziko eyiquuzelela nje into yokuba uNdila makagxothwe emsebenzini? (2)
- 3.1.11 Ucinga ukuba xa wawunokuba ngumphathi kaNdila, wawunokuyisombulula njani ingxaki akuyo apha ebalini? (2)
- 3.1.12 Ingaba uMawonga uyidlale ngokuncomekayo indima yokuba yinqununu yesikolo? Xa uqwalasela indlela awusombulule ngayo umcimbi kaNdila? (2)

## ISICATSHULWA B

### 3.2 Funda isicatshulwa esingeantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

(Kuthe kusithi chapha ilanga sabe sesiboniwe isidumbu sikaMawonga kuba abarhuqi ababanganakho ukufikelela emfuleni kukothuswa yimoto. Abizwa amapolisa, asithabatha isidumbu, sasiwa emapoliseni. Kuthe kwakungabikho nxeba, saqhaqhwu kwafumaniseka ukuba umfi ubulewe yityhefu. Sibona oontamnani abanumzana D.Njobe no-S. Maqhinga kwaLoni.)

Njobe: Nkosikazi masikucele okokuba usinyamezele. Size apha ngophando lokusweleka komyen i wakho.

Maqhinga: Siza kubuza nje imibuzo embalwa ngomfi lo.

Thandiwe: Kulungile. Ingaba kukho kukrokreleka na kule nto?

Njobe: Hayi nkosikazi siqhuba isiko loburhulumente. Umyeni wakho ebeginya?

Thandiwe: Kakhulu.

Njobe: Zziphi iindawo abethanda ukubutha kuzo.  
(Cwaka)

Maqhinga: Sithetha iindawo ebesela kuzo.

Thandiwe: Ubekholisa ukusela kwaThulethu, kodwa indawo ebesehlala kuyo kukwaFuneka.

Njobe: UFuneka lo uyintoni kuye?

Thandiwe: Kulapho kuhlala uZanele owandihlutha umfi lo.

Madoda khanigubhulule le ndlu, ngoku! (Phantsi komatrasa kaZanele kwafunyanwa incwadi yesazisi kaLoni. Kwidrowana yewodrophu kaFuneka kwafunyanwa imvulophu ende ithe puqa yityhefu ibhalwe uMnu D. Ndila nedilesi yakhe. Bafakwa evenini kwa oko ooFuneka. Kwafunwa uNdila wafunyanwa, naye wasiwa emapoliseni. Ekuphandeni amapolisa afumanisa ukuba oyena mntu unesilandu ngakuMawonga nguNdila. Wagwetyelwa ukuxhonywa. UFuneka noZanele bagwetywa ishumi leminyaka emnye.)

**“Ithambo lenyoka lihlab’elimzondayo.”**

- |   |     |
|---|-----|
| 3.2.1 Yintoni ebangela ukuba uFuneka noZanele bazibone sele befakwa evenini?  | (1) |
| 3.2.2 UNdila yena wayefunelwa ntoni?  | (1) |
| 3.2.3 Kwesi sicatshulwa singentla, chonga amazwi abonakalisa ukuba uMawonga ebebuthanda utywala.                            | (1) |
| 3.2.4 UFuneka noZanele bangunobangela wesihelegu esithe sehla apha ebalini Ewe okanye Hayi. Nika isizathu sempendulo yakho. | (2) |

- 3.2.5 Ingaba umbhali ufuno ukusifundisa ntoni ngesigwebo esithe safunyanwa sesi sithathu: uNdila, uFuneka noZanele? (2)
- 3.2.6 Ingaba isigwebo esafunyanwa sesi sithathu sibafanele? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.2.7 Chaza indawo esafunyanwa kuyo isidumbu sikaLoni? (1)
- 3.2.8 Amazwi kaMawonga athi “ithambo lenyoka lihlaba elimzondayo”, ayebhekisa kubani? (1)
- 3.2.9 Umntu ujikelwa, alandelwe zizinto azenzayo ebomini: YINYANI okanye ASIYONYANI. Xhasa impendulo yakho ngokucaphula iziganeko ezithe zehla apha ebalini. (2)
- 3.2.10 Ingaba uNdila wayenokusifumana isigwebo sentambo kuMzantsi Afrika okhululekileyo? Cacisa. (2)
- 3.2.11 Isenzo sikaMawonga sokuthatha umphefumlo wakhe akuba ezifumana esengxakini. Sasilungile okanye sasingalunganga? Nika isizathu sempendulo yakho? (2)

**AMANQAKU ECANDELO B:** **35**

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE****NDAKUYICELA IVUTHIWE – L.L. NGEWU noE. Z. GUQA****UMBUZO 4 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****UMNTU AKALAHLWA – E.Z. GUQA****ISICATSHULWA A**

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

UMathidala ubeyenye yamadoda afuyileyo kuloo lali yaseThembeni kuQumbu. Kubantwana bakhe abathandathu, iintombi ezintlanu nonyana omnye, bekufunde iintombi ezintathu kuphela, nazo nzima, kuba umfo lo ubeliqqolo elalingazimisela kuthengisa nkomo afundise abantwana bakhe. Nabo bade baziitishalakazi nje imbali yokufunda kwabo yehlekisayo kuba ubeboleka imali, aze yena abolekise ngenkomo emxelele umnimali lowo ukuba umntwana ofundiswayo uya kuthi akuggiba ukufunda, ayibuyise imali leyo yemboleko **nenkomo ke ibuye le ekhaya**.

UMathidala ke ubeneenkomo ezityaliwego kuyo yonke loo lali yaseThembeni. Imali yona ebengayikhathalelanga nganto kuba ubengawuqondi kakuhle umsebenzi wayo. Ubelima umbona, imbotyi namazimba ngeenkomo zakhe kanti ekwasenga kwalapha kuzo. Izinto ezithengwa evenkileni bezinqabile kweli khaya kangangokuba abantwana bakhe babethande ukidlakazela nokuhleleleka phakathi kwabanye abantwana.

Unobangela wokuba iintombi zakhe ezimbini nonyana bangafundi kukuba bebesolusa loo mhlambi kuloo mathambeka aseThembeni. Ibiluvuyo olungathethekiyo kunkabi ukuba neentombi ezingaka kuba eqonda ukuba umhlambi wakhe uza kuya ukhula ngokukhula. Ithemba lakhe lethu mhlakwamitha uThandile intombi yakhe yamazibulo. Le ntombi yehlelwe sesi siwo xa igqibeza izifundo zayo zobutishalakazi eBhencuthi. UMathidala wambetha loo mntwana walutywantsi emxelela ukuba soze aphindele kweso sikolo, phofu enziwa kukungaqondi ukuba intombi le sele iyiggibile imfundo yayo.

- |       |   |     |
|-------|---|-----|
| 4.1.1 | Le ndoda kuthethwa ngayo apho yayihlala kwesiphi isithili?                                    | (1) |
| 4.1.2 | Chonga ibinzana elicacisa ukuba uMathidala wayefuyile?  | (1) |
| 4.1.3 | Yayiyintoni eyayibangela ukuba abanye babantwana bakaMathidala bangayi esikolweni?            | (1) |
| 4.1.4 | Iintombi ezintathu zona zafunda njani?  | (2) |
| 4.1.5 | Yintoni eyayibangela ukuba ezi ntombi zifunde ngolu hlobo uluchaze kuMBUZO 4.1.4.             | (1) |
| 4.1.6 | Ukufunda komntwana ngemali yemboleko yinto elungleyo: EWE okanye HAYI. Xhasa impendulo yakho. | (2) |

- 4.1.7 Le ndlela uMathidala wayefundisa ngayo abantwana bakhe, ichaza ntoni ngesimo sakhe? (2)
- 4.1.8 Indlela awabohlwaya ngayo uMathidala abantwana bakhe bakukhulelwa ayibonisi buzali. Ngqina olu luvo ngokucaphula ebalini. (2)
- 4.1.9 Nika igama likamafungwashe kaMathidala. (1)
- 4.1.10 Isohlwayo sikaMathidala kubantwana bakhe abangamantombi abathe bamitha, Ingaba sifanelekile okanye asifanelekanga? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 4.1.11 Ukukhulelwa kwentombi zikaMathidala kubonakalisa eliphi inqanaba apha ebalini? (1)
- 4.1.12 Umbhali ufundisa ntoni kweli balana? (2)

**ISICATSHULWA B****“KANTI ANDIZENZANGA!” (E.Z. GUQA)**

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

UMntuyedwa wathiywa eli gama ngabazali bakhe kuba wavela sekuncamekile ukuba bangaze bavuzwe ngomntwana. Le nkewu ke ikhule iyodwa kowayo kucaca ukuba eli gama layo lamenza wakhalala nalowo wayenokubavuza ngomnye umntwana abazali bayo. Umntwana ke okhula yedwa kowabo ubanzo izinto ezininzi ezimphosayo nezimphuncukayo koko kukhula kwakhe. Ukhula engayazi into yokuxabana axambulisane nabantakwabo bade balwe ngohlobo olunokumenza umntu acinge ukuba lonke elo dabi lisuka kwintiyo, kanti phantsi kwayo yonke loo nto kukho uthando olwandeleyo nolungenakuqotywa bani.

Intu yokukhula yedwa kukaMntuyedwa kwenze ukuba abenobuhlobo nobudlelwana nje obubodwa nonina uMadam. UMntuyedwa izinto ebezifuna ukumqhokra apha ebomini ubezibalisela uMqhorhana, nomnye angamqhwule ngentsini koko amqhebule kwindlela elula yokusombulula loo ngxaki. UMaDosini ke ubesoloko elungele ukusombulula nasiphina isishiqi unyana wakhe asibona njengento engxamel'ukuxaka intendele. Xa kutshawuza imibane, uMntuyedwa ubenetheremba lekhusi elingunina. Xa kusiwa amachaphaza andulela isichotho, unkabi ubengaziva evikivekile kuba ebiasi ukuba akanakuba licham kuba unina eyintonga yokumvikela. Ukhule njalo ke lo mfo ekhulela ekhusini elingunina.

- |       |   |     |
|-------|---|-----|
| 4.2.1 | UMntuyedwa ulifumene njani eli gama lakhe?  | (1) |
| 4.2.2 | Nika isiduko sikanina walo mntu umchaze ngentla kuMBUZO 4.2.1.  | (1) |
| 4.2.3 | Eli bali liqhubekeka kwindawo ezimbini. Zeziphi ezo ndawo?  | (2) |
| 4.2.4 | Ubomi bukaMntuyedwa abuhambanga kakuhle. Zinto zini ezimbi ezithe zamehlela?  | (2) |
| 4.2.5 | Chonga ibinzana elibonakalisa ukuba umama kaMntuyedwa ubemxhasa ngamaxesa onke unyana wakhe.  | (1) |
| 4.2.6 | Ingaba uyavumelana okanye awuvumelani nempatho mbi kaMntuyedwa ngenxa yemeko athe wazifumana ekuyo? Nika isizathu sempendulo yakho. | (2) |
| 4.2.7 | Inxaxheba kamfundisi, ingaba yaba luncedo kuMaDosini. Ewe okanye Hayi Nika isizathu sempendulo yakho.                               | (2) |
| 4.2.8 | Ngawaphi amalungelo athe acinezelwa kweli balana ngokubhekisele kuMntuyedwa? Nika abe maBINI.                                       | (2) |

- 4.2.9   Ukuzalwedwa wedwa ‘ngumlu wanyama’. Veza intsingiselo yeli qhalo/saci ngokubhekisele kubomi bukaMntuyedwa. (2)
- 4.2.10   Ukuba wawunokuzifumana ukule meko kaMntuyedwa, wawunokuyisombulula njani le ngxaki wayekuyo? (2)

**AMANQAKU ECANDELO C:**   **35**

**ICANDELO D: ISIHOBE****VUKANI MADODA – A. STEMELE:**

Phendula yonke imibuzo yomiBINI kweli cadelo.

**MBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

5.1 Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**BAFANA BAFANA – XAYIMPI S**

1. Bafana Bafana!
2. Bafana Bafana!
3. Ndizani bafana bafana, ndizani!
4. Ndizani bafana bafana, ndizani
5. Ngamayeyeye, yimincili!
6. Yintshwahl-a-a-a!
7. Bawinil'abafana bafana, bawinile!
8. Bawinil'abafana bafana, bawinile!
9. Laduma bafana bafana, laduma!
10. Bafana bafana!
11. Bafana bafana!
12. Uyabulel'uMzantsi Afrika
13. Ngezi nguqu nizenze kweli lizwe;
14. Uthi: Phambili makhwenkwe kaRholihlahla, phambili!
15. Phambili makhwenkwe ka-Rholihlahla, phambili!
16. Yiyo loo nto sisithi: ndizani bafana bafana, ndizani,
17. Ndizani Bafana Bafana, ndizani,
18. Niye phesheya niy'okuphumelela indebe yehlabathi.
19. Huntshu Bafana bafana huntshu!
20. Huntshu Bafana bafana huntshu!
21. Hee!! Hee!! Hee!!
22. Aa! Rholihlahla!
23. Aa! Rholihlahla!
24. Uyabulela uMzantsi Afrika
25. Ngokuphuhlisa uqoqosho apha kule Afrika.
26. Sithi phambili Mandela!
27. Phambili Rholihlahla!
28. Huntshu Bafana Bafana huntshu!
29. Huntshu Bafana Bafana huntshu!
30. Yagqum'ingonyama yoMzantsi Afrika, yagquma.
31. Hee! Hee!
32. Yagqum'ingonyama kaDoctor Khumalo,
33. Yagqum'ingonyama kaMark Fish,
34. Yagqum'ingonyama kaTshipha Masinga,
35. Yagqum'ingonyama kaMark Williams,
36. Ndee gram, nonke grum!!
37. Qongqololo!

- 5.1.1 Iqela iBafana Bafana lidlala wuphi umdlalo? (1)
- 5.1.2 IBafana Bafana yaphumelela itumente ngonyaka ka:
- A 1995
  - B 2010
  - C 1996
- Khetha ibeNye echanekileyo kwezi zingentla. (1)
- 5.1.3 La mabinzana: Ngamayeye, Yimincili! Yintswahla-a-a!, abonisa ntoni? (1)
- 5.1.4 Eli gama lithi ‘laduma’ lichaza ntoni kulo mdlalo uwuchaze kuMBUZO 11.1? (1)
- 5.1.5 Kumqolo we-14 iBafana Bafana yenze inguqu. Zeziphi ezo nguqu. Nika zibe MBINI? (2)
- 5.1.6 Imbongi ithi, “Phambili makhwenkwe kaRholihlahla. Phambili.” Eli gama likrwelelwé umgca ngaphantsi lidibana njani neli lithi Bafana Bafana? (2)
- 5.1.7 Aa Rholirharha! Kutheni uMandela enguRholihlahla nje? Cacisa. (2)
- 5.1.8 Yintoni le abantu boMzantsi Afrika bathi enkosi ngayo kuMandela? (2)
- 5.1.9 Sesiphi esi silwanyana abafaniswa naso abadlali beBafana Bafana? Kutheni imbongi izekelise ngaso nje? (2)
- 5.1.10 Imbongi ithi iBafana Bafana mayindize. Kukuthini ukundiza? Yintoni esetyenziswa luluntu edla ngokudityaniswa negama ‘ukundiza’? (2)
- 5.1.11 Indebe yehlabathi edlalwe ngaBafana Bafana, yokugqibela yayingonyaka ... Gqibezela. (1)
- 5.1.12 Lunjani uvakalelo lwembongi kulo mbongo? (1)

## UMBUZO 5.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lombongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo.

### Intaba kaNdoda – Ngangata LS

1. Ngxatsho-o-o-o-ke, mzi waseMaxhoseni!
2. Ngxatsho-o-o-o-ke, hlanga lwakwaluhlanga!
3. Ndithetha nani, zidwesha namaggqiayakazi.
4. Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthnjana.
5. YiNtaba KaNdoda intaba yeentaba.
6. Yintab'encoph'isondel'ezulwini.
7. Yintab'ezinyaswe ngamahlath'akwaHoho,
8. Inge ithozamel'ukuthandazel'mvula.
9. Kulapho kutsholo'iintaka neenyamakazi,
10. Ngokungathi zidumis'uQamata ngesihomo;
11. Zimzukisa ngokudala le Ntaba kaNdoda;
12. Zimbamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.
13. Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba.
14. Yintab'esiya kuqhayisa ngayo ezizweni.
15. Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany'iintlanga,
16. Kuba yintab'engundoqo weembali zakwaRharhabe.
17. Ntabandini ukuba ubukho la ngendithetha ndophele.
18. Ndithi ngendityibela, ndityonyotha, ndityatyadula.
19. Ngendisithi khul'ud'ukhuluphale kodwa ungakhokhobi.
20. Ngendisithi khul'ud'ufike khon'ezulwini.
21. Uthume'izijoli zize kusidlel'amathol'eendaba;
22. Zisibalisele ngezinto zalapho kwikhaya lolangazelelo;
23. Zisichazele ngezinto ezenzek'ezulwini;
24. Zisixelete ngamaXhos'ababalwe ngobomi baphakade.
25. Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
26. Kwez'uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
27. Bafika babek'ubilo kuyo le ntaba'
28. Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.
29. Babeqephuke kuGcaleka baziph'amathafa,
30. Kuba ezi nkunzi zazingooxholovane zombini.
31. Nangona zaziphuma kuPhalo, yena ncakasana,
32. Zingathandi ukukhonya buhlantini bunye.
33. Wamisa kule ntab'uRharhabe wavul'umlomo.
34. Wathetha ebhekisa kwiiindwalutho ezazimlandela,
35. Wathi, "Madoda, kudala sixhinkxa, kwanele.
36. Eli likhaya lethu ukususela namhla."
37. Ayembazel'iindlebe amaXhos'akowabo.
38. Ephambi kwavo waphinda wathetha kwakhona,
39. "Masakhe imizi apha, silime nokulima,
40. Kule mimandla erhangqe le Ntaba kaNdoda."

- 5.2 5.2.1 Khetha impendulo ibeNye kwezi zilandelayo: Udidi lwalo mbongo singathi:

A Yisonethi  
B lleji  
C Umbongo-mbali (1)

5.2.2 Kwisitanza sokuqala imbongi ithetha naluphi uhlanga? (1)

5.2.3 Isimamva u-kazi sibonisa ukuba imbongi ibhekisa koobani? (1)

5.2.4 Kwisitanza sesibini kukho isafobe. Sikhuphe uze unike udidi lwaso? (2)

5.2.5 Khetha ibeNYE echanekileyo kwizibiyeli. Intaba kaNdoda ikwaGcaleka, kwaRharhabe, kwaNgqika. (1)

5.2.6 Chonga umqolo kwisitanza sesine ochaza ukuba amaXhosa ayazidla ngale ntaba. (2)

5.2.7 Zinto zini ethi imbongi mazenziwe kule ntaba? Chaza zibe MBINI. (2)

5.2.8 Nika amagama eenkosi eziMBINI ezikhankanyiweyo kulo mbongo. (2)

5.2.9 Ngubani igama lenkosi exatyisiweyo yamaXhosa ekuthethwe ngayo apha embongweni? (1)

5.2.10 Yakha iqhalo ngegama “ubuhlanti” elikumqolo wama-32. (1)

5.2.11 Zeziphi ezinye iintlanga amaXhosa afika zikhona kule ntaba. (1)

5.2.12 Ngubani ongcono kunomnye phakathi koQamata noThixo. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

# AMANQAKU ECANDELO D: AMANQAKU EWONKE

